Isalathiso: 20170605-1653
3/3/2/4/4/1
Imibuzo: NP Funani

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lwaBasebenzi ngoBuchule: 0004/2017

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngezeKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziNtloko; kuBaququzeleli boVavanyo, kuBacebisi beZifundo nakwiiNqununu

Isihloko: Imvumelwano malunga noKuqatshelwa kokuPhuculwa koMgangatho waMabanga eMfundo ngabaqeshwa abaqeshwe ngokoMthetho weNkonzo kaRhulumente

1. Oku kumalunga neSetyhula H153/2012 yeSebe leNkonzo kaRhulumente noLawulo (*Department of Public Service and Administration's (DPSA*) yomhla we-09 Novemba 2012, iSetyhula H98/2014 yomhla we-30 Meyi 2014, iSigqibo 1 se-*PSCBC* 1 sika-2012 kwakunye neSigqibo *PHSDSBC Resolution* 1 sika-2014.

2. Ngokwezigqibo zothetha-thethwano nemibutho yabasebenzi (*collective agreements*), umqeshi uya kukuqwalasela ukufunyanwa kwebanga lemfundo lomgangatho ophuculweyo ngumqeshwa elinxulumene nekhondo lomsebenzi owenziwa ngumqeshwa neliwuphucula ngokungaphezulu umgangatho wentsebenzo yomqeshwa nowokwenziwa kwenkonzo kwisebe.

3. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (*WCED*) lifumene ileta yemvumelwano neSebe i-*DPSA* emalunga nokuphuculwa kwamabanga emfundo okucetywayo ngesithuba ngasinye njengoko kubonisiweyo kwi-oganogran evunyiweyo. Nasiphi na isicelo sokuvunywa kwebanga lemfundo eliphuculweyo siya kungqinisiswa ngokutshekishwa kwilisti evunyiweyo yamabanga emfundo aphuculweyo (evunywe yi-*DPSA*).

4. Akuba umqeshwa efumene ibanga lemfundo elikhankanyiweyo, uya kufumana ibhonasi eyimali **eyi-10% yakanye qwaba,** yenotshi yomvuzo wakhe wonyaka ngokuxhomekeke ekubeni ayikho ngaphezu kwenotshi yomvuzo ongowona

usezantsi wenqanaba lomvuzo 8, kwitheyibhili eyi-*key scale table 264*. Kuphela ngamabanga emfundo afunyenwe ukususela nge-01 Januwari 2013 aya kuthathelwa ingqalelo ukwenzela ukuba abaqeshwa baqwalaselelwe ukufumana ibhonasi eyimali yakanye qwaba.

5. Ibhonasi eyimali efumanekayo iqingqiwe ibe yeyebanga lemfundo elinye elongezelelweyo. Abaqeshwa abafumana inkxaso-mali kurhulumente ukwenzela ukuphucula umgangatho wamabanga emfundo yabo, abafanelekanga kule bhonasi iyimali ifumaneka kanye.

6. Amabanga emfundo makabe neekhredithi (*credits*) eziyimfuneko ezihamba nawo ukuze athathelwe ingqalelo, ekuzezi zilandelayo:

6.1 Isatifikethi i-*National Certificate* (120 iikhredithi)
6.2 I-*National Diploma* (240 – 360 iikhredithi)
6.3 IsiDanga (*Degree)* (360 – 480 iikhredithi) kubandakanywa namabanga emfundo esemva kwesidanga sokuqala nezidanga ii-*B Tech degrees.*
6.4 La mabanga emfundo adwelisiweyo makabe neekhredithi eziyi-120 ezizezona zisezantsi yaye mawabe ngawethuba leenyanga eziyi-12 ubuncinane

7. Amabanga emfundo ezizwe (*international qualifications*) avunywe yi-*South African Qualification Authority (SAQA*) nawo aya kwamkeleka ngokwezi zigqibo zikhankanywe ngentla apha. Kuphela ngalo mabanga emfundo afunyenwe kwiziko lemfundo elivunyiweyo nelibhalisiweyo kwiSebe leMfundo ePhakamileyo (*Department of Higher Education*), aya kufaneleka ukufumana ibhonasi.

8. Kusebenza le nkqubo ilandelayo:

8.1 Umqeshwa onenjongo yokubhalisa ibanga lemfundo eliphuculweyo akugqiba ukufunda, nonqwenela ukuba aqwalaselelwe ukufumana ibhonasi eyimali, uya kuqala acele imvume kwiCandelo loLawulo lwaBasebenzi ngoBuchule, ukubhalisa elo banga lemfundo lilolu hlobo.

8.2 UMlawuli weCandelo loLawulo lwaBasebenzi ngoBuchule uya kusithathela ingqalelo isicelo somqeshwa sokuqwalaselelwa ukuvunywa kwebanga lemfundo lakhe yaye kuya kunikwa nenkcazo ngencwadi ebhaliweyo kwithuba lenyanga enye nokuba ngaba sivunyiwe okanye sikhatyiwe isicelo eso. Uya kuzinikwa izizathu ezibhaliweyo zokungavunywa kwesicelo sakhe umenzi-sicelo.

8.3 Umqeshwa unyanzelekile ukuba, akugqiba izifundo zakhe, angenise la maxwebhu abubungqina alandelayo:
- imvume evela kwiSebe i*WCED*; kunye
- namaxwebhu amabanga emfundo ephuculuweyo.

9. Nayiphi na imibuzo ngokumalunga noku inokubhekiswa ku-Nks Patience Funani kule nombolo yefoni. 021 467 2243 okanye kule imeyili: Patience.Funani@westerncape.gov.za.

10. Iya kuthakazelelwa into yokuba okuqulethwe yile ngcaciso imfutshane kwaziswa bonke abasebenzi abachaphazelekayo, ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU- L ELY
INTLOKO EBAMBELEYO: YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2017-07-21